

ISEBE LEMFUNDU LEMPUMA KOLONI  
EASTERN CAPE EDUCATION DEPARTMENT  
OOS-KAAP ONDERWYSDEPARTEMENT

IIMVIWO ZEBANGA LOKUGQIBELA  
NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION  
NASIONALE SENIOR SERTIFIKAAT-EKSAMEN

## UVIWO LOKUXABANGELA 2009

---

### ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – IPHEPHA LESIBINI

---

IXESHA: 2 ½ iiyure  
AMANQAKU: 80

TIME: 2 ½ hours  
MARKS: 80

TYD: 2 ½ uur  
PUNTE: 80

*Bhala emva kwegama “Subject” -*  
**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – IPHEPHA LESIBINI**

**QAPHELA**

- 1 Yonke imibuzo mayiphendulwe ngesiXhosa.
- 2 Sebenzisa amagama avunyiweyo ngokwemigaqo yeSebe leMfundu.
- 3 Bhala izivakalisi ezizeleyo xa uphendula imibuzo emifutshane.
- 4 Umthamo wempendulo yakho mawungqinelwe ngamanqaku ombuzo.
- 5 Abavavanya bay a kunyityelwa amanqaku ngobuxelegu, nokwaphula imiyalelo yamacandelo.
- 6 Musa ukuyitshintsha indlela enonjolwe ngayo imibuzo. [umz: 2.1.2]

**QAPHELISISA**

Eli phepha linamacandelo amathathu.

**ICANDELO A****ISIHOBE****Umyalelo 1**

IMIBUZO OZA KUYIPHENDULA KWELI CANDELO MITHATHU IYONKE.

**UMBONGO ONGAFUNDWANGA EKLASINI****Umyalelo 1.1**

- Umbuzo 1 nombuzo 2 umbongo ongafundwanga eklasini.
- Khetha phakathi kombuzo 1 nombuzo 2.

**IMIBONGO EFUNDISWE EKLASINI****Umyalelo 1.2**

- Umbuzo 3 ukuya ku 6 phendula imibuzo emibini kuperha.
- Ukhetha phakathi kombuzo 3 nombuzo 5.
- Ukhetha phakathi kombuzo 4 nombuzo 6.

**ICANDELO B****INOVELI****Umyalelo 2**

- Uza kuperhendula umbuzo ubo mnye phakathi kombuzo 7 nombuzo 8.
- **QAPHELA: UKUBA UPHENDULE UMBUZO 7 AWUVUMELEKANGA UKUBA UPHENDULE UMBUZO 9 NGEZANTSİ.**

**ICANDELO C: IDRAMA****Umyalelo 3**

Uza kuperhendula umbuzo ubo mnye phakathi kombuzo 9 nombuzo 10.

**QAPHELA: UKUBA UPHENDULE UMBUZO 8 NGENTLA AWUVUMELEKANGA UKUBA UPHENDULE UMBUZO 10 KWELI CANDELO.**

Iyonke imibuzo oyiphendulayo iyakuba mihiyanu.

**ICANDELO A****UMBUZO 1**

Unyanzelekile uphendule ube mNYE umbuzo.

UMBONGO ONGAFUNDWANGA KLASINI: LO MBUZO KUNYANZELEKILE UKUBA UPHENDULWE. KHETHA UMBUZO 1 OKANYE UMBUZO 2.

Funda lo mbongo ungezantsi wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UKUFA**

1. Sonke siyagixa kukulahlekelwa ngosimthandayo;
2. Awu, awu, ukufa madoda kunetyala,
3. Nditsho nangoku, akuyaz'int'ekuyenzayo.
4. Mandithi lirhwaphilili lexhwili,
5. Kuba kuxwil'iindleza kushiy'amaggolo.
6. Yintak'emnyam'enqolom'amalungisa,
7. Izithomb'ezintshulayo zeAfrika.
8. Liqhokr'amakholwane lishiy'umdlungu,
9. Isela lemfen'edlakadlaka kaSathana.
10. Sisinyolokondwana senyengelez'elingxavula,
11. Int'ehlal'ihlal'ihlafun'ingabhungisanga.
12. Sigixe sangqukruleka kanti siyabhadula;
13. Sanqandwa ngabakwaLizwi bathi siyabhampila;
14. Ukufa ngumtyenenezo wokugoduka,
15. Umend'omhloph'onqumla phezu kweJordane;
16. Phonoshono lelemvela,
17. Kanti ngaphesheya lelokuphumla!
18. Hamba,hamba kufandini!

**[UKUFA - ZIHLABANA NJE ZIYALAMBA: W. Shasha]**

- 1.1 Bhala phantsi amagama amaBINI azizifanokuthi zeli gama 'ukulahlekelwa' ngokwalapha embongweni. (2)
- 1.2 Ibinzana: 'Sisinyolokondwana senyengelez'elingxavula'. Ingaba umbhali ulisebenzisela:
  - 1.2.1 ukuncoma
  - 1.2.2 ukwenyelisa
  - 1.2.3 ukukhuthaza
(1)
- 1.3 Velisa intsingiselo ebonakaliswa libinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi ku-4 ngokuphathelele kumbongo. (1)
- 1.4 Ekupheleni kumqolo we- 12 nowe-13 kwivesi yokuggibela umbhali usebenzisa amagama akhangeleka ezizifanokuthi. Chaza ukuba uwasebenzisele ukubethelela luvo luni? (2)

- 1.5 Umbhali ukhankanya iindidi zabantu abaxhwilwa kukufa. Caphula nasiphi na isiBINI kwezi ndidi. (2)
- 1.6 Beka isaci okanye iqhalo endaweni yesihloko salo mbongo. (1)
- 1.7 Ithini imfundiso yalo mbongo? (1)

[10]

**OKANYE****UMBUZO 2****Funda lo mbongo ulandelayo wandule ukuphendula umbuzo olandelayo.****UMBONGO ONGAFUNDWANGA KLASINI****Umona**

1. Zilwanyana zehlathi zonakalisa hay'umona!
2. Ngunziphonde wengxavul' amaziny' abukhali,
3. Ukrukruth'ukrazula kumz'oNtsundu njengegundwane,
4. Kuqhabalak'abantwana bomnt'omnye ngenxa yakho,
5. Sigrenyana nje singqavulana sidodobalis'uhlanga,
6. Siyimbumbulu kwinkanunu kaNtshabalalo.
  
7. Hayi mawethu masiwolane njengamawele,
8. Sixumane sixhasane siyek'ukuxulubana,
9. Sikhule sikhukhumale sikhokhobe sikhonzane;
10. Sakh'uthango lothando bangangen'oodyakalashe;
11. Umona phantsi! Uthando phezulu!

**(ZIHLABANA NJE ZIYALAMBA, W. SHASHA iphepha 14)**

Yayama ngesigama nezafobe ezisetyenzisiweyo ukucacisa intsingiselo eveliswa yimbongi kulo mbongo ungentla.

[10]

**QAPHELA: Umbuzo wesi- 3 ukuya kowe- 6 yimbongo efundwe eklasini.**

**UMBUZO 3****AWESELWA 3:** Kwetana, W.M

PHENDULA UMBUZO 3 OKANYE UMBUZO 4:

**KHUMBULA UKUBA UPHENDULE UMBUZO-3 UNYANZELEKILE UPHENDULE UMBUZO-6**

Emva kokufunda umhobe ongezantsi yonwabela imibuzo elandelayo.

**Bantwana bethu!**

1. Bayilwa ngebhongo nochulumanco,
2. Iintliziyo zinethemba nolonwabo
3. Bayilwa ngentswelo yolwazi,
4. Umphefumi'uxhalabile lixhala.
5. Ziimveku ziintsan'a'kho mahluko.
6. Ubudala ngumsantsa wobukhulu.
7. Ngapha luyilo, ngapha kungazi.
8. Impatho idal'umsantsa.
9. Isondlo lubisi kwanencindi.
10. Ngapha ngamabona-kwenziwe,
11. Iling'alicetywanga liqutyulwe.
12. Owesondl'izidlele zigrebhelele,
13. Elambil'uyakhal'akancwini.
14. Mawethu, ndiyakhala'kho hlab;
15. Ndiyabhong'andinazigxala;
16. Intulula-mbono liliso.
17. Ndakujong'a'kho kuchulumanca.
18. Ndikhangela ngovakalelo.
19. Ndigixe lusizi novelwano.
20. Masiqaphel'ukukhula kotyani,
21. Kwiindidi-ntlobo zemihlaba,
22. Kwiintlobo-ndidi zemo zezulu.
23. Umhl'umhlaba luthekezel;
24. Enkangala lungcokoch;
25. Usiw'umbethe, lumphinyelo.
26. Isiseko sisekhaya.
27. Kuvel'ingqond'ephaphileyo
28. Kumzimb'ophilileyo.
29. Luhel'ungevezelo lokuthi,
30. "Bantwana bethu"!

*(IV Mtamzeli p10-11)*

- 3.1 Umbhali uvakala ekhathazekile, yintoni le ihlupha umbhali kangaka? (1)
- 3.2 Kuphawuleka okokuba umbhali asinguye yedwa onale ncwina, ngoobani abanye abantu okanye iindawo ezinale ncwina ngale nto uyichaze ku-3.1 ngasentla. Nika iindawo okanye abantu babe baBINI uze ucacise ngokuzixhasa. (4)

- 3.3 Umbhali uveza ubuncwane kumntwana olulamele esi siseko, buncwane buni obo? (1)
- 3.4 Ungamcebisa uthini umntwana okhula ngaphandle kwekhaya, obonakala eza kuphoswa sesi siseko. (1)
- 3.5 Unikwa ithuba lokuba ukhe uthethe nolutsha olubonakala lunqatyalwa sisimilo. Ungathetha uthini? Bhala iingongoma zibeNTATHU. (3)  
[10]

### OKANYE

#### UMBUZO 4

**AWESELWA 3:** Kwetana, W.M.

#### **KHUMBULA UKUBA UPHENDULE UMBUZO-4 UNYANZELEKILE UPHENDULE UMBUZO-5.**

Yonwabela umhobe olandelayo wandule ukuphendula umbuzo olandelayo.

#### **IMFUNDO**

1. Sisixhob 'esintlangothi mbini.
2. Ngumvuli naxa kuqanyangelwe,
3. Kutsh'ubumnyama bugabuke.
4. Ngumfungeli wal'ukhanyo.
5. Ngumxonxi-simo somntu.
6. Ngumseki-ntlalo kuluntu.
  
7. Amandl'awavami kusetyenziswa,
8. Kub'ubuchopho sebabhucwa.
9. Yehova, ndiphe nam'ikhwele
10. Lokukhwel'inqanawe yenkcubeko.
11. Andinamnt'uthand'ukuthi finini;
12. Ndithand'ujuzelo-mafini.
  
13. Andaneliswanga kukufunda,
14. Andiphiliswa ngumahluko,
15. Kuthe ngco luqequesho.
16. Entlalweni ndathembisa,
17. Ndabhambathis'esizweni,
18. Ndocakazel'uluntu jikelele.
  
19. Baninz'abaphoswe sesi sipho,
20. 'Nginginy'ezuze lo mthomb'ehlathi.
21. Thoban'unxano ngenzolo kuloo manzi,
22. Abangelutho bangathotyelwa matye.
23. Nizinxweme koo 'sesididiyele',
24. Kub'eso sipho sakuba seyele.

(IV MTAMZELI p-9)

- 4.1 Uwufundile lo mbongo, wabona ukabaluleka kwemfundo, thathela kuwo ubonisa ukuba imfundo ngenene isiso isitshixo sokuvula iminyango evaliweyo. [10]

**UMBUZO 5**

**AWESELWA 3:** Kwetana, W.M.

**PHENDULA UMBUZO 5 OKANYE UMBUZO 6:**

**KHUMBULA UKUBA UPHENDULE UMBUZO-3 NGENTLA PHENDULA UMBUZO-6.**

Funda lo mbongo ulandelayo wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**Uthando**

1. Umzimba yintlaninge yamalungu.
2. Lona lwalanyw'entliziyweni qwaba.
3. Uphawu lothando zizenzo-cingelo.
4. Olomnt'uthando lolwamzuzwana.
5. UThixo luthando wancam'anako.
6. Iqalo negqibelo lafela aboni.
7. Thand'olululo loluzinzileyo.
8. Endilutyalayo loluzukileyo.
9. Ntliziyi enalo inobutyebi.
10. Obal'ubutyebi bobaphezulu.
11. Umthombo wal'uvel'ezulwini.
12. Le nt'inqabil'inqabil'ayinanzondo.
13. Ogcin'uxolo ufumbath'ubuntu.
14. Alukhethi buso kwanotshaba.
15. Oval'umsindo luzekelelo.
16. Lufungel'intwenye ukulungisa.

[IV Mtamzeli p-3]

5.1 Tshatisa amabinzana AKULUHLU A nentsingiselo EKULUHLU B ukuze ufumane intsingiselo eyiyo yalo mbongo:

<b>A</b>	<b>B</b>
5.1.1 'Umzimba yintlaninge yamalungu'	(a) Uthando lwenene/lwenyaniso
5.1.2 'Lona lalanyw'entliziyweni qwaba'	(b) Uthando lwethutuya
5.1.3 'Uphawu lothando zizenzo-cingelo'	(c) Ingqokelela
5.1.4 'Olomnt'uthando lolwamzuzwana'	(d) Uthando lubonw'entliziyweni.
5.1.5 'UThixo luthando wancam'anako.'	(e) Ukubonelelana/ukuvelana

(5)

5.2 Thelekisa uthando lomntu noluka Thixo ngokwalapha embongweni

(2)

5.3 Ibinzana elikrwelelw umgca litolika ntoni ngokuphathelele kumxholo wombongo?

(2)

5.4 Oku kutyala kuthethwa ngako kumqolo-8 ingaba kubonisa: ukubeka into nje okanye ukuyimilisela.

(1)

[10]

## OKANYE

### **UMBUZO 6**

**AWESELWA 3:** Kwetana, W.M.

Yonwabela umhobe olandelayo wandule ukuphendula umbuzo olandelayo.

### **INQANAWE**

1. Maz'olwandle vumbuluka,
2. Undikhapha undiweze;
3. Ndithwel'izinxibamxhaka.
4. Maz'olwandle ndithembise.
  
5. Andiyazi nale hambo,
6. Ubunzulu bolu lwandle,
7. Kwanamawa enzulwini.
8. Maz'olwandle ndithembise.
  
9. Ndingxamile ndithunyiwe
10. Kwele lizwe linezinto.
11. Ndiyarhuqa yimithwalo
12. Ehleliyo kum emhlana.
  
13. Ndiyathetha neminenga–
14. Iziphakathi zolwandle–
15. Zikhahlela ndiyadlula.
16. Maz'olwandle ndithembise.
  
17. Ndiyakuva uxabene,
18. Impama yakho ndiyayazi,
19. Kwididlele undiqhwaba.
20. Maz'olwandle ndithembise.
  
21. Ndibetheka andithini,
22. Ndithunyiwe ngokuthenjwa,
23. Ndilindiwe kwelo bhotwe.
24. Maz'olwandle ndixolele.

*(MSM Kebeni:p-32)*

- 6.1 Umbhali kolu hambo ngolwandle uneengxaki adibene nazo, khangela amabinzana abonisa ezo ngxaki uze uwacacise.

[10]

**ICANDELO B :** IDRAMA**UMBUZO 7**


**AKUSEKHO KONWABA:** Hlumela Mothlabane [Umgquuli]

**PHENDULA UMBUZO 7 OKANYE UMBUZO 8:**

**Funda le mihlomlo ilandelayo uze uphendule imibuzo ephuma kuwo.**

**UMHLOMLO 1**

- 7.1      Imephu engezantsi iyakunceda ukuphendula imibuzo elandelayo.



- 7.1.1    Xela ukuba eli ibali lisekwe kweliphi ilizwana laseAfrika. (1)
- 7.1.2    Likweyiphi idolophu ikhaya lokuzalwa lika-Obi? (1)
- 7.1.3    'Akukho busuku apho', bebesakutsho abavela kwelo lizwe xa bechazela abase Umoufia, liliphi eli lizwe athetha ngalo uObi? (1)

## UMHLOMLO II

Ukubuyela kwakhe nje eLagos uObi waya kubona uClara.

Wambalisela ngako konke ngohambo lwakhe, nangezinto ezithethwe ngabazali bakhe malunga nomtshato wabo. Ekuggibeleni ke wathi, ‘kuza kulunga phofu. Sekulithuba uma elele ngandletyana nye. Masilinde nje ithutuhyana.’

Uthe akuggiba ukuthetha wabuza uClara, obekade emamele, ukuba ugqibile na. Uthe akungaphenduli wabuza kwakhona uClara, ‘Ugqibile?’

‘Ukuggiba ntoni?’

‘Ibali lakho’

Akaphendula uObi.

‘Hayi phofu ayibalulekanga loo nto’. watsho uClara. ‘Nam bendifanele ukuyazi ukuba iya kuphela ngolu hlobo.’

‘Yintoni le uthetha ngayo?’ Wabuza uObi.

Wasuka uClara wakhulula umsesane wengeji wawunika uObi.

‘Wenza ntoni?’ Wabuza uObi

‘Ukuba akuyithathi ndakuyijula ngale festile’, watsho uClara. ‘Uphinde wabuyela ngaphakathi. Uye ngasefestileni wajonga phandle.

Bathi cwaka ixesha elide. Ekuggibeleni wathi uClara, ‘Asiloxesha lokuba uhambe ngoku?’

‘Unyanisile’, watsho selephakama uObi.

‘Kukho into ebendicinga ukukuxelela yona, kodwa ayinamsebenzi. Nam bendimele ukuba ndiye ndazilumkela phofu.’

‘Wangcangcazela u-Obi wathi ebuza.’ Yintoni? Wabe eyazi into eyonakeleyo.

- |     |  |     |
|-----|--|-----|
| 7.2 | Sizathu sini na esibangela ukuba umtshato kaClara no-Obi ungamkeleki?  | (1) |
| 7.3 | Fakela igama elithetha into enye nebinzana ‘ukulala ngandletyana nye’.   | (1) |
| 7.4 | Kwezi zinto zitya uClara ucinga okokuba yiypifi eyona ifanelekileyo:   |     |
| (a) | ukungamkelwa ngabazali bakaObi   |     |
| (b) | kukukhulelwa   |     |
| (c) | kukulinda de umama kaObi abhubhe.  | (1) |
| 7.5 | “Sekulithuba umama elel’engandletyana nye. Masilinde nje ithutuhyana.”<br>Ngokweli binzana uObi ubonakala ekulangazelela ukusweleka kukanina wakhe. Kutheni kunjalo nje? | (1) |
| 7.6 | Uthathela kwimpendulo yakho oyinike apha ngentla ku7.5, yiba ngu-Obi ubhalele umama wakho icwecwe uzisola ngento oyithethileyo.  | (4) |
| 7.7 | Xa abantu baseUmoufia kunye nabazali bakaObi bengamvumeli uObi atshate intombi ayithandayo banyhasha liphi ilungelo?   | (1) |

- 7.8 Yinyani okanye asiyonyani:
- 7.8.1 UClara wawujula ngefestile umsesane. (1)
- 7.8.2 UObi noClara bakhathazwa yintw' enye. (1)
- 7.9 Wangcangcazela uObi, wathi ebuza, 'Yintoni?' wabe eyazi into eyonakeleyo.  
Thelekisa izizathu zokungcangcazela kuka Obi kulo mhloMlo kunye nokungcangcazela akubonakalisleyo uObi kwintlanganiso yeQumrhu leNkqubela ebekuyo. (2)
- 7.10 Bathathe manyathelo mani bakufumanisa ukuba uClara ukhulelw  
ukukhawulelana nale meko. (2)
- 7.11 Thelekisa imeko kaObi ngelixa kwakukho ukonwaba kuye nexesha ukonwaba besele kungekho kuye, njengoko nesihloko sencwadi sisithi 'Akusekho konwaba'. Nyathela kwiingongoma eziMBINI. (4)
- 7.12 Tshatisa amagama abalinganiswa abaKULUHLU -A nendima abayidlalayo KULUHLU B.

A	B
7.12.1 UMnu. Green	A Umqequeshi kaObi,
7.12.2 Nksk.Tomlison	B Ogxothelwe ukulala emsebenzini.
7.12.3 UMnu. Omo	C Umhlobo kaObi esiKhpheni.
	D Umabhalana kaMnu Green.
	E Umphathi kaObi noMnu.Omo
	F Umntakwabo Obi

(3)  
[25]

## OKANYE

### **UMBUZO 8**

Cazulula imfundiso esiyiphathelwe ngumbhali kweli bali ngokubhekisele kumxholo nemixholwana, ukhokelwa zizimo zabalinganiswa, indlela abenza ngayo izinto nendlela abaziphatha ngayo.

[25]

### **ICANDELO C: INOVELI**

### **UMBUZO 9**

#### **UTHEMBISA NOMAKHAYA: D T MTYWAKU**

#### **KHUMBULA, UKUBA UPHENDULE UMBUZO 7 PHENDULA UMBUZO 10 NGEZANTSİ.**

Funda ngocoselelo lo mhlomlo uze uphendule imibuzo elandelayo.

### **UMHLOMLO I**

**UMAKHAYA:** Indiqubule ndiyekelele umzimba le ndlobongela yedlezi. Mayibulele amawayo ngendiyichithe indlu yobuchopho ngembumbulu ukuba umpu wam ubukum. Yona le Mofana ingulo Zet bayincedile ngokuyibonisa ukuba mayingabi sasondela kum. Rha-a-a! Ide ifuthele phezulu nje, igquba? Ithi ndisisulu senyam'edada? Bendiya kuyichitha indlu yobuchopho ngembumbulu. [ajonge esipilini] Uza kuthi nditheni uThembsi xa endibona ndinje. Uya kufa ziintloni xa ndingena ndiyile ntleke-ntleke. Aza kuthini wona amanye amanesi xa ebona umyen'i wesister eneB.A.C.U. enje? Kuya kufuneka ndibophe isikhafu ndibe ngulowo ufa ngamazinyo. Mh-h-h! Azi ukuba kuqhube ka ntoni na ngale ndlu? Azi ukuba ukho na uThembsi kwesi sibhedlele? Andifunanga kubuza nto kulaa majoyini. Lo noKhitshi yena andifunanga kuzithoba isidima sokuvula nomlomo naye. Mh-h-h! Ingaba uThembsi wayithengisa le ndlu ngokucaphukela laa nto kaWal? Xa wayeyive ngabani phofu? Amagqwetha ngabantu bamahlebo. Abe uWal wayeqinisekile ngokuhlawula. Mhlawumbi ucaphukele la marhixi-rhixana emicolorhana yabantwana babamelwana. Ndingavuya kuba ndanditshilo kwantlandlolo ukuba masiye kwakha phantsi kwesibhedlele. Mandilale. [aphume]

- |       |   |     |
|-------|---|-----|
| 9.1   | Chonga amagama abe mahlanu asetyenziswe sisithethi abonakalisa ubunganga. Ubonise nendlela loo magama ayiphembelela ngayo impixano. | (5) |
| 9.2   | Ngokwesicatshulwa ukuchitha indlu yobuchopho:   |     |
| 9.2.1 | kukuphalaza igazi elingenatyala   |     |
| 9.2.2 | kukukhulula uphahla lwendlu yobuchopho  |     |
| 9.2.3 | kukubulala<br>[Khetha impendulo efanelekileyo]  | (1) |

- 9.3 La magama alandelayo asetyenziswe kulo mhloMlo adulisa/abonisa ntoni malunga novakalelo lukaMakhaya kunye nesimo sakhe.
- 9.3.1 “Mh-h-h! Mh-h-h!..” (1)  
9.3.2 “lamarhixirhixana emicolorhana.” (1)
- 9.4 Ngubani le ndlobongela yedlezi kuthethwa ngayo apha? (1)
- 9.5 Amagqwetha ngabantu bamahlebo. Yinyani /Asiyonyani? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 9.6 Kweli binzana “Ingaba uThembsi wayithengisa indlu ngokucaphukela laa nto kaWal? Xa wayeyive ngabani phofu?” UMakhaya uthetha ngento kaWallachia angayibizi ngagama, khawusikhumbuze ngale nto. (2)

## **UMHLOMLO II**

UWallachia: “Ndiza kumfumana kanene lo dlalani.  
Ewe bendimthanda kodwa indlela andiphoxe ngayo indenze inzondo.  
Ngoku ebuyela kum nje kungokuba utshelwe zizicheku kuLaura.  
Ubuyle kaloku umcuphi,  
Uba andiyazi yena loo nto.  
Nawe *sister* uya kundixolela.  
Kaloku lo dlalani akanayo nesenti.  
Wayevuthululwe ndim ke ukuze umbone efanelekile.”

- 9.7 Oku kufumana kuxelwa nguWallachia kuthetha:
- A Ukubaleka emva kwakhe ade afike kuye.
  - B Uzimisele ukumenza into embi angasoze ayilibale.
  - C Ukumkhangela ade ambone. (1)
- 9.8 Uthetha ukuthini umbhali xa esithi wayetshelwe zizicheku kuLaura? (2)
- 9.9 UWallachia wamfumana njani lo dlalani unguMakhaya? (2)
- 9.10 “UWallachia ukholelwa ukuba uMakhaya ngudlalani”. Ngqina olu luvo uze uzixhase ngomzekelo owufumana apha ebalini. (2)
- 9.11 Chonga amabinzana amaTHATHU asetyenziswe sisithethi abonakalisa ukuba kukho impindezelo ayimithiyo. (3)
- 9.12 Isithethi uWallachia kulo mhloMlo sithetha ngoku “vuthulula”... sinike izinto zibe MBINI ezingqina oko kuvuthulula ngokubhekisele kuMakhaya. (2)

**UMBUZO 10****KHUMBULA, UKUBA UPHENDULE UMBUZO 7 NGENTLA PHENDULA  
UMBUZO 10**

Umbhali usebenzisa indlela engangqalanga xa esakha abalinganiswa bakhe apho umlinganiswa azipela ngokwakhe nge:

- zinto azithetha kwabanyeabantu
- zinto abazithetha ngayeabantu ekho engekho
- zinto azithethayo yena ngaye
- zinto azicingela ngaphandle, azithethe.

Ujonge le miba ingentla, uncediswa yimizekelo oyicaphula kule ncwadi, sibonise ubuchule bombhali wale ncwadi bokwakha abalinganiswa ngokubhekisele kuMakhaya.

[25]

**AMANQAKU EWONKE: 80**